Isifundo 5

**Okthobha 24–30*

UYesu Ingcaphephe Yetitshala

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Heb. 1:1–4; 2 Kor. 4:1–6; Yohane 1:14, 18; 14:1–14; Filipu 2:1–11; 2 Kor. 5:16–21.

Indima Yenkumbulo:
"Ngokuba nguThixo, yena wathi ukhanyiso malukhanye ebumnyameni, okhanyisele iintliziyo zethu, ukuze kukhanye ukwaziwa kobuqaqawuli bukaThixo ebusweni bukaYesu Kristu" (2 Korinte 4:6).

UBilly Graham ubalisa ibali lamhla wahambela amasoldati kwisibhedlela sasemkhosini ekwiqela lenjengele yawo. Elinye isoldati eliselula "laliqanyangelwe lilele ubuso bujonge phantsi kweseyile-nentsimbi engaqhelekanga." Ugqirha wasebeza kuGraham, "Ndiyathandabuza ukuba liya kuphinda likwazi ukuhamba kwakhona." Isoldati laba nesicelo elisenzayo kwinjengele: "Mhlekazi, . . . ndikulwele, kodwa andizange ndakubona. Ndingakhe ndibone ubuso bakho?" yehla injengele, yangena ngaphantsi kweseyile-nentsimbi engaqhelekanga yathetha nesoldati. Ebukele njalo ebukele uGraham, kwehla inyembezi kwisoldati yawa esidleleni senjengele. Ngexesha lokuzalwa kukaYesu, uluntu lwenzakalisiwe lusopha, ludinga umbono ophilisayo kaThixo. Lwalungathi uluntu luyabongoza ngelithi, "Owu, Thixo, singabubona na ubuso baKho?" ekuthumeleni uNyana waKhe kule planeti, uYise wayethumele ingcaphephe yeTitshala emsebenzini: ukuze ibonise uluntu ubuso baKhe. Kususela ngoko, sibe nelungelo elingummangaliso lokubona "ukwaziwa kobuqaqawuli bukaThixo ebusweni bukaYesu Kristu" (2 Kor. 4:6). Xa sibukele iTitshala eyingcaphephe isendleleni eza eMhlabeni, yintoni esinokuyifunda kuYo?

**Funda esi sifundo ukulungiselela iSabatha kaOkthobha 31.*

Utyhila UYise

Zeziphi ezona ngongoma zibalulekileyo azenzayo umpostile ngoYesu ekuqaleni kwencwadi yamaHebhere? (Heb. 1:1–4).

ITestamente eNtsha ithe rhoqo iphakamisa imbono ebalulekileyo: UYesu uza emhlabeni ukuze abonise abantu ukuba ungubani uYise. Kumaxesha awadlulayo, isityhilelo sikaThixo seza manqaphanqapha ngabaprofeti; kodwa kuYesu, isityhilelo sokugqibela nesipheleleyo sikaThixo safika. Kwakhona, kuYe ngokwaKhe, uYesu "ulubengezelo lobuqaqawuli bukaThixo" (Heb. 1:3, NRSV). Njengabantu abanesono, besingenako ukumelana nokungena kubuqaqawuli bukaThixo. EnguNyana owenziwe umntu, uYesu ubonakalalisa obo buqaqawuli. Siyabonakala sona kubuntu bukaKristu ukuze sikwazi ukusibona sisiqonde ngokucacileyo isimilo sikaThixo. UYesu ukwa "ngumbhalo wenkqu yakhe" (Heb. 1:3). Isaci esisetyenziswe apha, igama lesiGrike charactēr, ngamanye amaxesha lisethenziswa ngophawu olwenziwa litywina kumthwebeba okanye umfanekiso kwigaqa lemali. Ngoko ke, uYesu "ungumfanekiso twatse wento ayiyo uThixo" (Heb. 1:3, NRSV). Ukuba singa singamazi uYise, kufuneka simamele ngononophelo oko iTitshala eyiNkosi ikuthethayo ngaYe. UYise ubonwa kuNyana.

Thelekisa umaHebhere 1:1–4 no-2 Korinte 4:1–6. Ku-2 Korinte 4:1–6, ngubani uYesu, iyintoni esiyifundayo kuYe?

Xa befundisa abanye ngoThixo, uPawulos nasebenza nabo bazama ukubonisa ulungiselelo lokufundisa kukaYesu ngoYise. Njengo"mfanekiselo kaThixo" (2 Kor. 4:4), uYesu wazisa ulwazi ngoThixo uYise. Ngokufanayo, uPawulos uphepha inkohliso nokugqwetwa kweLizwi likaThixo aze, endaweni yoko ayiveze inyaniso ngokucacileyo (2 Kor. 4:2). Kanye njengokuba uThixo, ekudaleni, wasebenzisa ukukhanya ukugxotha ubumnyama, usinike uNyana waKhe, uYesu, ukugxotha iimbono zobuxoki ngaYe nokusibonisa inyaniso ngoThixo. "[Ku]sebusweni bukaYesu" apho sifumana khona ulwazi olucace kakhulu ngoThixo (2 Kor. 4:6).

UYesu wambonakalalisa ngokufanelekileyo uYise, nto leyo nathi esibizelwe ukuba siyenze njengoko simenyiwe ukuba sibe "ngabaxelisa uThixo njengabantwana" (Efese 5:1). Kuthetha ukuthini oko, iyintoni esinokuyifunda kuYesu ngendlela yokuba "ngabaxelisa" uThixo"?

Ukutyhila UYise (Kuyaqhubeka)

Kwisikhokelo esishushu kwiVangeli yakhe (Yohane 1:1–18), uYohane uzathuza ngoYesu njenge“Lizwi” elingunaphakade. Amabango kaYohane ngoYesu awakho phakuphaku okanye awanawo umda; aqinile kwaye abandakanya konke. UYesu wayekho ngaphambi kokuba kubekho ilizwe—kususela kunaphakade, phofu. Kakuhle, uYesu ungumenzi wendalo (Yohane 1:2, 3). “[Ulu]khanyiselo lwabantu bonke” (Yohane 1:4, NRSV), kanti, njengeLizwi eleza emhlabeni, “ukhanyisela wonke umntu” (Yohane 1:9, NRSV).

NgokukaYohane, yintoni isiphumo sokuba uKristu abe ngumntu? njengeLizwi, kukhanya kuni awakuzisayo? Wayekufanele njani ukuba akwenze oko? Yohane 1:14, 18.

“UKukhanya kwavela ubumnyama behlabathi bungqinqwa. . . . “Lalilinye kuphela ithemba lohlanga loluntu . . . ukuze ukwaziwa kukaThixo kube nokubuyiselwa emhlabeni. “UKristu weza ukuze abuyisele olu lwazi. Weza ukuze abekele bucala imfundiso abathi ngayo abo babesithi bayamazi uThixo bemveza ngendlela engeyiyo. Weza ukuze abonakalalise indalo yomthetho waKhe, ukutyhila kwesaKhe isimilo ubuhle bobungcwele.”—Ellen G. White, *Education*, pp. 74-76. Yonke into awayenzayo uYesu ebomini baKhe emhlabeni yayinenjongo enye: “ukutyhila uThixo ukuze kuphakanyiswe uluntu.”—*Education*, p. 82.

UYesu ngokwaKhe uthi, “ ‘Lowo undibonileyo mna umbonile uBawo’ ” (Yohane 14:9). Kwakukweyiphi imeko ukwenza kukaYesu le ntetho? Kwakutheni ukuze ayenze? Yohane 14:1–14.

Kuyahenda ukugxeka uFilipu ngentetho yobudenge (Yohane 14:8). Emva kweminyaka yobuhlobo obusondeleyo kuYesu, usayiphosa eyona nto efunekayo engokuba yinyama [kukaYesu] ---le yokuba uYesu weza ukuze atyhile isimilo sikaYise. Mhlawumbi iititshala zanamhlanje ziyonwatyiswa yinto yokuba omnye wabafundi beTitshala eyiNkosi wenza kakubi! Intetho kaFilipu kunokwenzeka ukuba yagcinwa, phofu, kungangakuba kufuneka isinike isizathu sokumgxeka kodwa ukusinika ithuba lokuvavanya iziqu zethu. Sihambe kangakanani noYesu? Ingaba simqonde ngcono na uYesu kunokuba kwabanjalo kuFilipu? “ ‘Lowo undibonileyo mna, umbonile uBawo.’ ”

Ukufunda Ingqondo YeTitshala EyiNkosi

Yintoni ehlupha ingqondo kaPawulos ngosapho lwamaKristu aseFiliphi ngexesha ebhala incwadi eya kuwo? Filipi 2:1–4; Filipi 4:2, 3.

Iindima ezikwabaseFilipi 2:1-11 ziyeyona ndawo entsonkothe kakhulu kuyo yonke iBhayibhile. Ithetha ngobukho bukaKristu kwangaphambi kokuba azalwe emhlabeni, ubuThixo baKhe, ukuba ngumntu kwaKhe, ubuntu baKhe, ukwamkela kwaKhe ukufa emnqamlezweni. Ichaza indlela ende ehlayo awayihambayo uYesu ukusuka ezulwini ukuya eKalvari (Filipi 2:5–8). Ikwachaza indlela uYise awamphakamisa ngayo uYesu embeka kwisikhundla sokuba anqulwe yindalo yonke (Filipi 2:9–11). Ininzi inyaniso efunjwe kwezo ndima.

UPawulos uyiveza njani intetho ekwabaseFilipi 2:5–11? Kwiziganeko zobomi bukaYesu azibabazayo, zeziphi wena ocinga ukuba unga amakholwa angazibonakalalisa kobawo ubomi? Filipi 2:6–11.

UPawulos uthembe ukuba amakholwa aseFilipi, anokuba ayethanda ukuphikisa, aya kufunda kuYesu nasekubeni abe yinyama kwaKhe. Ukuba uYesu wamkela imo yomntu—"ubume bekhoboka, ezelwe ngokufana nomntu" (Filipi 2:7, NRSV)—ade avume ukubethelelwa emnqamlezweni, kubekephi kubo ukulindeleka ngaphezulu ukuba bazithobe omnye komnye nalapho beqhutywa luthando? Siyakhunjuzwa ukuba kuninzi okunokufundwa kwiTitshala eyiNkosi, uYesu. Siyafunda kwizigidimi ukuba uyabelana kulungiselelo lwaKhe lwasemhlabeni. Siyafunda kwimimangaliso ayenzayo nakwindlela athi enze ngayo kwabanye. Singazama ukubufanisa obethu ubudlelane nabanye nokuhla kwaKhe okukhulu nokuhlala kwaKhe ngokuzithandela ukuze ananise uzuko lwasezulwini ngomkhombe (isifundo esingako esiza kuthi!). Kwelinye icala, ihlabathi lithe rhoqo ukusimema ukuba siziphakamise, siqhayise ngoko sikwenzileyo. Emkhumbini waseBhetelehem nakwiTitshala eyiNkosi, sifunda isifundo esahlukileyo—sokuba, umsebenzi kaThixo wemfundo nosindiso awufezwa ngokuziphakamisa thina kodwa ngokuzithoba phambi kukaThixo nokuba ngabakhonzi kwabanye.

Ithini imeko ojongene nayo, nangoku, apho ukuzithoba kwakho kunokukunika ithuba elinamandla lokutyhila uYesu kwabanye?

ITitshala EyiNkosi Noxolelaniso

Ulwalamano lwabantu lukholisa ukuqhawuka. Siye singavani omnye nomnye. Umntu owakha wasisihlobo kakhulu, ekuhambeni kwexesha, uba ngumntu ongathenjwayo. Sekunjalo, ulwalamano olwaphukileyo lunako ukulungiseka. Xa oko kuthe kwenzeka, sixhamla ubumnandi boxolelaniso. Ambalwa amava abantu abamnandi nje ngala.

Lukho njani uxolelaniso embindini wokuzalwa kukaKristu esenyameni nakwindawo yaKhe yokuba yiTitshala eyiNkosi? 2 Kor. 5:16–21.

Ukuba siziva sisikelelekile xa ulwalamano nabanye abantu lubuyiselwe, simelwe kukuva kamnandi kangakanani xa sixolelaniswe noThixo? Kwabase-2 Korinte 5:16–21, uPawulos uphandle ngokuba ngubani oxolelanisayo—uThixo uBawo uhambe phambili ekungcibeni ulwalamano lwethu olwaqhawukayo naYe. Uwenze loo msebenzi woxolelaniso "ngoKristu" (2 Kor. 5:18). "UThixo waye ekuKristu, elixolelanisa naye ngokwakhe ihlabathi" (2 Kor. 5:19). Kwakhona, phofu, asingabo abaxhamli nje bovuyo loxolelaniso. Kufuneka sifunde kwiTitshala eyiNkosi. Ekuzalweni kwaKhe esenyameni, uYesu waba nenxaxheba emsebenzini woxolelaniso. Nathi, ngoko, siyamenywa ukuba sibe nenxaxheba kuko. UThixo wasixolelanisa kuYe ngokwaKhe ngoKristu. Ngoku ke thina, sinoPawulos, sinikwe ulungiselelo loxolelaniso" (2 Kor. 5:18). KwabaseKolose 1:15–20 yenye yeendawo ezibalulekileyo kwiTestamente eNtsha ezingokuzalwa esenyameni kukaKristu. Kukholisa ukucingwa ukuba iyingoma, isiqingatha sokuqala sale ndawo sizathuza ngendawo kaKrisu endalweni (Kol. 1:15–17), lo gama esokugqibela siqwalasele kwindawo kaKristu ekuhlanguleni (Kol. 1:18–20). Ngendawo kaKristu njengoMdali-Mhlanguli, uThixo uxolelanisa zonke izinto kuYe. Umsebenzi woxolelaniso awufezileyo uThixo ngoKristu uquka indalo yonke ngokubanzi, uchukumisa "zonke izinto, nokuba zisemhlabeni, nokuba zisemazulwini, ngokwenza uxolo ngalo igazi lomnqamlezo wakhe" (Kol. 1:20, NRSV). Nangona singeze silinganise umgangatho wendalo yonke yomsebenzi weTitshala eyiNkosi njengomxolelanisi, siyamenywa ukuba sibe nenxaxheba "kulungiselelo loxolelaniso" kwindawo yethu (2 Kor. 5:18). Ingaba oku kuko okwakusengqondweni kaYesu xa wayethandaza, "'Njengokuba wandithuma ehlabathini, nam ndibathume bona ehlabathini'" (Yohane 17:18)?

Zeziphi iindela eziphathekayo esingabonakalalisa ngazo indawo kaThixo njengomxolelanisi? Oko kukuthi, yeyiphi imeko ngoku (ukuba ikho) onokunceda kuyo abantu ukuba baxolelane omnye nomnye?

Abafundi Bokuqala BeTitshala EyiNkosi

Masijonge umzuzwana, baliqela abelusi abaqhelekileyo abakhathalele umhlambi ongengako wezimvu ngaphandle kwedolophana. Ngomzuzu olandelayo, bamkela imbonakalo emangalisayo yeengelosi ezithwele iindaba ezikhwankqisayo, ezimangalisayo, nezothusa ihlabathi. Bekhuthazwa yiloo mbonakalo, bamfuna umntwana owaziswe zingelosi.

Yiba nombono umi nabelusi uqwalasele emkhumbini. Wawuza kubona ntoni? Luka 2:8–20.

Kufuneka sibathande abafundi bokuqala beTitshala eyiNkosi—uYosefu noMariya kunye nabelusi. Iimeko eziphantsi zokuzalwa kukaYesu aziniki mboniso wommangaliso wokuzalwa engumnttu [eyinyama]—ukuba kuMntu ololu sana, uThixo uye wabaMnye noluntu. Sekunjalo, ngoncedo lwemibono, amaphupha, neengelosi, abo bafundi baKhe bokuqala ukukhangela ngaphaya kwembonakalo yangaphandle yokuzalwa kukaYesu. Abelusi babelana nabanye ngempawu zolu sana, ukuba unguYe " 'uMsindisi, onguMesiya, iNkosi' " (Luka 2:11, NRSV; thelekisa noLuka 2:17).

Zasabela njani iZazi kwiindaba zokuzalwa kukaYesu? UHerode yena usabele njani? Mat. 2:1–12.

Phambi kokuba ithethe umzekeliso waYo wokuqala okanye yenze ummangaliso waYo wokuqala, iTitshala eyiNkosi ifanele ukunqulwa ngenxa yalowo inguYe. Ukuze luxabiseke ngokupheleleyo ulungiselelo lwemfundiso yamva kaYesu, kufuneka sihlangane naba bafundi bokuqala, neZazi, ekunquleni kwawo iTitshala eyiNkosi. Leyo iimfundiso zayo sizithandayo ingaphezulu kunomfundisi olumkileyo. InguThixo ozileyo wahlala noluntu. Imfundo yobuKristu imiliselwe ekunquleni uKristu. Sikunye neZazi, nabelusi, neengelosi, sibizelwe ukuba sinqule uKristu, uKumkani osanda kuzalwa—nokuba sibone kusana olunguYesu ubunyaniso bukaThixo.

Cinga ngokuthethwa kukuzalwa kukaYesu eyinyama [engumntu] ngokubhekiselele kwisimilo sikaThixo. UMdali wayo yonke iyunivesi, enkulu kangangokuba asinako ukuyibamba [ukuyicinga]—lo Thixo "wazithobayo" ngokuza eluntwini, waphila njengoko uYesu waphilayo, waza wafa emnqamlezweni, ethwele phezu kwaKhe isohlwayo sezono zethu. Yintoni eyenza ukuba oku kube ziindaba ezilungileyo ezinkulu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "The Teacher Sent From God," pp. 73–83, in *Education*. "KwiTitshala ethunyelwe nguThixo, wonke umsebenzi wemfundo yenene inombindi wayo kuYo. Ngalo msebenzi, namhlanje, ngokwenene njengomsebenzi owamiselwa kwishumi elinesibhozo leminyaka eyadlulayo, uMsindisi uyathetha kula mzwi: "'Mna ndingowokuqala nowokugqibela, ndinguYe odla ubomi.' " 'Mna ndinguAlfa no-Omega, isiqalo nesiphelo.' IsiTyilelo 1:17, 18, R.V.; 21:6, R.V. "Phambi kweTitshala enjalo, ngethuba elinjalo lemfundo yezulu, into embi ngaphezu kobuyatha kukufuna imfundo kude naYo—ukuzama ukulumka kude nobulumko baYo; ukunyaniseka lo gama usala inyaniso; ukufuna ukhanyiselo kude nokuKhanya, nokubakho ngaphandle kobomi; ukusuka eMthonjeni wamanzi aphilileyo, nokuzombela amaqula, angenako ukuhlala amanzi. "Yabonani, usamema: 'Ukuba kukho othi anxanwe, makeze kum asele. Lowo ukholwayo kum, njengoko satshoyo isiBhalo, kuye 'kuya kumpompoza imilambo yamanzi aphilileyo.' 'Amanzi endiya kumpha wona, abe ngumthombo kuye wamanzi ampompozela ebomini obungunaphakade.' Yohane 7:37, 38; 4:14, R.V."—Ellen G. White, *Education*, p. 83. "Titshala ethandekayo, . . . "Ngolungiselelo oluphezulu lomsebenzi wakho, ndikwalathisa kumazwi, ubomi, neendlela, zeNkosi yeetitshala. Ndiyakucela ukuba uyiqaphele. Ulapha umgangatho wakho wenene. Wukhangele, hlala kuwo, ade uMoya weTitshala yezulu ayibange intliziyo yakho nobomi bakho. " 'Bonakalalisa njengesipili uzuko lweNkosi,' uya 'kumiliswa ngakumbi kumfanekiselo omnye.' 2 Korinte 3:18, R.V. "Yiyo le imfihlelo yamandla [yegunya] phezu kwabafundi bakho. Bonakalalisa Yena."—*Education,* p. 282.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ngawaphi amaxabiso [okuhle] nezenzo ezinokubaluleka kootitshala nabafundi bamaKristu abayifake entliziyweni mpela ingcamango yokufunda ekubeni yinyama kweTitshala eyiNkosi?

2. Abazali nootitshala abangamaKristu banomgangatho ophezulu—ukuba babonakalalise isimilo sikaThixo njengoko sityhiliwe ekuzalweni eyinyama kukaKristu. Yintoni esimelwe kukuyenza xa sisilela kulo mgangatho uphezulu?

3. Eklasini, xoxani umbuzo osekupheleni kwesifundo sangoLwesine. Kusifundisa ntoni ukuzalwa, ubomi nokufa kukaYesu ngesimilo sikaThixo? Kutheni le nto kufuneka oku kube yintuthuzelo enkulu kuthi, ngakumbi ngamaxesha okulingwa okukhulu?